VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# UMGAQONKQUBO OYILWAYO WOKUFIKELELA KOMNTU WONKE KWINKQUBO YEZOTHUTHO EFIKELELEKAYO KWISIXEKO SASEKAPA

ICandelo loZinzo lwezoThutho kwiSixeko saseKapa lizibophelele ekuphuculeni ukufikelela kwinkqubo yezothutho ngokuqulunqa uMgaqokqubo oyilwayo wokuFikelela koMntu wonke kwiNkqubo yezoThutho eFikelelekayo. Kubalulekile ukuthathela ingqalelo ukufikelela ngokuqwalasela indima ebalulekileyo edlalwa zizithuthi zikawonkewonke ekuboneleleni abantu ukuba bafikelele kumathuba ezentlalo nezoqoqosho.

Lo mgaqonkqubo uneenjongo zokujongana nemingeni yokufikelela efunyanwa eKapa ngabantu abakhubazekileyo, abantu abadala, abantwana, abakhweli abangabafazi, abakhweli abaxhomekeke kwiibhodi zezaziso nabakhweli abaphatha imithwalo. Oku kuya kuba sisixhobo esibalulekileyo sokuphucula ukufikeleleka kulo lonke ikhonkco lokuhamba. UMgaqonkqubo wokuFikelela koMntu Wonke ugxile ekuphuculweni kwezibonelelo zezothutho kunye nezakheko zezothutho lukawonkewonke kunye neenkonzo apho iSixeko sinolawulo oluthe ngqo phezu kwazo, ukuze kubonelelwe ngezothutho ezifikelelekayo ezivumela abakhweli ukuba bafikelele kuzo zonke iindawo ngokukhululekileyo.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 wango2000, uluntu kwakunye nemibutho okanye amaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye iimbono kumasipala ngokumalunga nomgaqonkqubo oluyilo ukususela ngoLwesine we14 kweyeNkanga ukuya ngoLwesihlanu we13 kweyoMnga 2024.

**Izimvo, izindululo okanye iimbono zingangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:**

- Ngeimeyile: UrbanMobility.CT@capetown.gov.za (bhala iriferensi engu110242504)
- Ngeintanethi: Skena iQR khowudi ukuze ungenise izimvo zakho ngeintanethi
- Iwebhusayithi: ndwendwela ku www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izimvo ezibhaliweyo: Iifomu zezimvo ezibhaliweyo zingafunywana kwiofisi yebhungana lakho ekufutshane okanye kwithala leencwadi leSixeko

bitly

**Umgaqonkqubo oyilwayo (kubandakanywa nesishwankathelo solawulo) uya kufumaneka apha:**

- Kwiwebhusayithi yeSixeko: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Kuzo zonke ii-ofisi zamabhunga nakumathala eencwadi eSixeko

Iyunithi yeSixeko saseKapa ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda nokubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abavela kumaqela angathathintweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Qhagamshelana noZandile Mahlasela ku021 400 5501 okanye Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

**Ngeenkcukacha ezithe vetshe, thumela i-imeyile ku UrbanMobility.CT@capetown.gov.za okanye utsalele kumnxeba kuMphathi weProjekthi ku021 400 3262.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA136/2024

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.